Lixesha lesidlo sasemini kwisikolo saseQunu. UNgqiqo noLiqhwa baxoxa ngoNondwe.

**Ngqiqo:** Jonga le nto yenziwa nguTsalatsala. Woxutha ibhanana kulaa nkwenkwe.

**Liqhwa** : Yhoo! Ukrwempa isandla sakhe. Ngokwenene uNondwe akasoze ayeke ukuxhaphaza abanye abantwana.





**Ngqiqo**: Ewe, woxutha ukutya kwabo. Ngamanye amaxesha ude ababethe xa bengavumi ukumnika. Kanti nezinto zabo uzijula phantsi.

**Liqhwa**: Ucinga ukuba singenza ntoni ukumnqanda kulo mkhuba?

**Ngqiqo**: Ndicinga ukuba sithethe naye. Ayilunganga le nto ayenzayo. Abanye abantwana boyika nokuza esikolweni.

**Liqhwa**: Ucinga angafuna ukuthetha nathi? Kaloku ndiyamazi unenkani kakhulu





**Ngqiqo**: Kungcono simkhumbuze ngomgaqo wokuziphatha kwabafundi.

**Liqhwa**: Masiye kuye. Ungamshiyi ngemva umgaqo wokuziphatha.

*UNgqiqo noLiqhwa baya kuNondwe.*

**Ngqiqo**: UNondwe ucinga nguye ophetheyo apha esikolweni. Sizakuthethana naye ukuze ayeke oku kuziphatha gwenxa.

**Liqhwa**: Izolo ulahle iincwadi zenye intombazana emgqomeni.





**Ngqiqo**: Nondwe, siyayibona le nto uyenzayo kwabanye abantwana. Thatha lo mgaqo wokuziphatha uwufunde.


**Nondwe**: Uthetha ngantoni?  Ndenze ntoni? Sukundibeka ityala.

*Bamkhumbuza ngeziphumo zolwaphulo mthetho.*

**Ngqiqo**: Ukuba awulumkanga, uya kunqunyanyiswa okanye ugxothwe esikolweni. Loo nto iza kwenzeka ngenxa yokuba uxhaphaza abanye abantwana.

**Liqhwa**: Ndiyakholwa ayonto ufuna yenzeke leyo. Sonke size kufunda apha.

*UNondwe wathi hlasi incwadi esandleni sikaNgqiqo, wayijula phantsi wayinyathela.*





**Ngqiqo:** Liqhwa, sizenzile iinzame ngokunokwethu asaphumelela. Yintoni enye ocinga singayenza?

**Liqhwa**: Masikhe siye kutitshala uMthethwa ngalo mba. Mhlawumbi angafikelela kuNondwe.

*UMnumzana Mthethwa uqhubeka nokubuza uNondwe imibuzo kodwa akalahlekelwa nalelinye uthule uthe tu. UMnumzana uMthethwa woyisakele de amgxothe uNondwe.*





**Ngqiqo**: Angathini uMnumzana Mthethwa ukumgxotha lula ngolu hlobo uNondwe. Hayi! Asinakuyeka injena lento, uNondwe udinga uncedo. Ndicinga ukuba sikhe siye kunontlalontle.  UNondwe ubonakala enengxaki enkulu.

**Liqhwa**: Ngumbono olungileyo lowo. Oonontlalontle basendleleni. Sidlula kubo xa sigoduka. Ndiqinisekile ukuba siza kufumana uncedo.

**Ngqiqo**: Kungenzeka ukuba ikhona ingxaki enkulu kuna le siyibonayo kuNondwe.





Ukuphuma kwesikolo uNgqiqo noLiqhwa baya koonontlalontle. Banike ingxelo ngendlela yokuziphatha kukaNondwe. Unontlalontle utyelele kwikhaya likaNondwe.

Uhlala noodade wabo ababini. Izinto azimntakaNgqika. Wakhawuleza ukuqhagamshelana noMasipala wengingqi wacela  bakhelwe indlu yesibonelelo ngokweNkqubo yoLwakhiwo noPhuhliso lwamakhaya iRDP. Oosomashishini banikela ngefenitshala.

**Ngqiqo**: Liqhwa iinzame zethu bezilungile. Jonga uNondwe, utshintshile. Uhlala encumile ngoku uyakwazi nokudlala nabanye abantwana engabaxhaphazi.





**Liqhwa**: Ndiqaphele nokuba indlela aqhuba ngayo kwizifundo zakhe nayo iye yaphucuka.  Bonke ootitshala bamangalisekile banawo nombulelo ongazenzisiyo ngaye.

**UNgqiqo**: Sibulela ungenelelo lukanontlalontle.

UNondwe waqonda ukuba nguNgqiqo noLiqhwa abeze nale nguqu ebomoni bakhe. Wabulela ngokungazenzisiyo.  Bancumelana bawolana.

